



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBA 2014

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2
IMEMORANDAM**

AMANQAKU: 80

Olu viwo lunamaphepha ali – 16.

IMIYALELO YOKUMAKISHA

1. Naninina apho umviwa aphendule ngaphezulu kwenani elifuniwego lemibuzo, makisha kuphela impendulo yokuqala. (Umviwa akavumelekanga ukuphendula umbuzo osisincoko kunye nombuzo omfutshane kwijenra enye).
2. Ukuba umviwa uphendule yomine imibuzo kwiCANDELO A (imibongo efundisiwego) makisha kuphela emibini yokuqala.
3. Ukuba umviwa uphendule imibuzo emifutshane emibini okanye imibuzo esisincoko emibini makisha owokuqala ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomine imibuzo, makisha kuphela owokuqala kwicandelo ngalinye ngaphandle kokuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko uphendulwe.
4. Ukuba umviwa unika iimpendulo ezimbini apho eyokuqala ingachanekanga, ize eyesibini ichaneke, makisha eyokuqala ungayihoyi elandelayo.
5. Ukuba iimpendulo azinombolwanga ngokuchanekileyo, makisha ngokweenombolo zememo.
6. Ukuba impazamo yopelo ichaphazel aintsingiselo, ayamkeleki loo mpendulo, ukanti ukuba ayiyiphazamisi, yamkele impendulo leyo.

7. *Imibuzo esisincoko*

Ukuba isincoko sifutshane kunoyminge obekiwego ngokwamanani, sukunyiba manqaku, kuba umviwa sele ezohlwayile, Ukuba isincoko side kunoyminge wenani lamagama elibekiwego, dibanisa iingqondo kumntu lowo ungummakishi owongamileyo. Sebenzisa irubriki yokuhlola ekwisihlomelo esinguA nesinguB ukuhlola izincoko zabaviwa.

8. *Imibuzo emifutshane*

Ukuba umviwa akasebenzisanga zimpawu zocaphulo xa ecelwe ukuba acaphule sukuohlwaya.

9. Ngokubhekiselele kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase, akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.
10. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

Kweli candelo kulindeleke ukuba umfundi aphendule imibuzo emithathu iyonke ngolu hlubo:

- Emibini ithathwa kwimibuzo 1–4- akhethe nawuphi.
- OMNYE ONYANZELEKILEYO ngumbuzo 5.

ICANDELO A: ISIHOBE**IMIBONGO EMISELWEYO**

VUKANI MADODA KUSILE – IZIBONGO NAMANQAKWANA: Ingqokelela yababhalı

UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

Amanqaku ali-10 ewonke kulo mbuzo. Asi-7 ngawomxholo aze ama-3 abe ngawolwimi.

Sebenzisa irubriki esisihlomelo A.

Umfundi anganyathela kwezi ngongoma xa ephendula.

- Ngumnyob'ozolileyo ... Ngalo mqolo imbongi isinika umfanekiso-ntelekelelo wokuba umlambo uyinto enjani. ✓ Isebenzisa isikweko-ngumnyobo nesinika umfanekiso-ngqondweni wento ende. ✓
- Isilo esizondlalileyo ... Esi sikweko siphuhlisa ubungozi/ukoyikeka komlambo. ✓ Kaloku isilo yinto eyoyikekayo ekunganqweneleki ukuba ingajongwa. ✓
- Likhaya lezilo ... Lo mqolo ubonisa ukuba nokuba umlambo sowusoyikeka kangakanani na kodwa ulikhaya kwezinye izilo.nakubantu bakwaNgqosini abahlala phantsi kwamanzi.✓ Ikhaya yindawo ekufumaneka ukhuseleko khona. ✓
- Wombelele kamnandi ... Kulo mqolo sifumana umfanekiso-ntelekelelo weendlebe ✓ nosinika ingxolo eyenziwa ngumlambo xa ugxagxaza usenza ingxangxasi singe siyayiva. ✓
- Ngumondli wesizwe ... Lo mqolo uphuhlisa ukuba umlambo lo ululutho eluntwini ✓ nakwindalo enje ngezityalo nezilwanyana. ✓
- Into kuhambo lwayo ... Nalo umqolo ubonisa ukabaluleka komlambo kuba ngamanzi awo siyankcenkceshela. ✓✓
- Sisil'esicel'umngeni ... Ngalo mqolo kuboniswa ukuba umlambo awunandawo ungahambi kuyo. ✓ Uhamba kanye kwezi ndawo zoyikekayo.✓
- Sihamba sigila ... Nalo umqolo uxhasa uluvo lokuba umlambo uhamba nokuba kuphi. ✓
- Nezilo ezikhulu zamahlathi ... Lo mqolo ubonisa ukoyikeka komlambo nkqu nakwizilo esizoyikayo singabantu nezithi ziwuzezele. ✓✓
- Wobhasoph'endleleni ... Ngalo mqolo imbongi iyalumkisa ukuba ungadelelwa umlambo kuba uyingozi. ✓✓

[10]

OKANYE

UMBUZO 2: (UMBUZO OMFUTSHANE)**AMAZWI OBULUMKO: V.L. Mabinza**

- 2.1 Kukuncedisa abantu ukuze baluphumelele ugqatso lobomi. ✓ (1)
- 2.2 Thantamisanani ✓ (1)
- 2.3 A. ngamacebiso empumelelo malunga nezimo zabantu ✓ (1)
- 2.4 Ikratshi/ukuzicingela/iinkcuku/ubuhlanga ✓✓(Naziphi ezimbini) (2)
- 2.5 Unemiqolo eli-14 ✓/uneekwatre ni ezintathu kunye nekhaplethi enerhayimu. ✓
(Nayiphi enye kwezi) (1)
- 2.6 Imvano siphelo, ✓ ukwenza isingqi/ukubethelela ukuba wonke ubani makathathe inxaxheba. ✓ (2)
- 2.7 Ingaphumelela kuba abo banezazela nabangakuchasanga nokuva ngomnye umntu bangawulandela lo myalelo. ✓✓

OKANYE

Ingangaphumeleli kuba basekho abangafuni kumamelu mntu okanye abathi baqhelile ukuva okanye abo bathi umyalezo awubhekisi kubo. ✓✓

(2)
[10]

OKANYE**UMBUZO 3: (UMBUZO OMFUTSHANE)****APHI NA AMADODA!: M. Mbutuma**

- 3.1 Ngendikhe ndilwe nayo ✓ (1)
- 3.2 B. ✓/B. Ingena kulo mzi ithelekise ingaqondwanga. ✓ (1)
- 3.3 Ubugwala ✓/ukujonga owakho umqala ✓/ukulibala iiintsana ✓
(Naziphi ezimbini) (2)
- 3.4 Yithoni enomsindo/ecaphukayo ✓✓ (2)
- 3.5 Yenze ukuba kungabikho mvisiswano, abanye bafuna umbuso wamaphandle abanye abawufuni. ✓✓ (2)
- 3.6 Kukukhalimela ukungahoywa kwefuthe eliza nokuziswa kwamaphandle ✓✓/ukukhalimela ukuba abantu bengqandani malunga nokwamkelwa kwamaphandle ✓✓ (2)

[10]

OKANYE

UMBUZO 4: (UMBUZO OMFUTSHANE)

IDOMPASI: N. GCALI

- 4.1 isitampu esigwenxa, ✓ nokungabikho kwedompasi ✓ (2)
- 4.2 ukugqiba impilo yabantu, ✓ ukufa kwabantu ✓ (2)
- 4.3 Isimntwiso ✓ (1)
- 4.4 Ukuveza ukuba abona bantu babesenza le mpathombi ngamaBhulu/babethetha isiBhulu. ✓✓ (2)
- 4.5 Ineembono zokuba yiyo unobangela wazo zonke ingxaki ezixe kwezi zitanza. ✓ (1)
- 4.6 Lufaneleke ncum kuba izifanekisozwi ezisetyenzisiweyo zizoba umfanekiso ngqondweni ocacileyo wempathombi eyayisenziwa. ✓✓ [10]

OKANYE

UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)

UNKOSI SISEKO KAMA, A! DILIZINTABA!: M. Mbambo

- 5.1 NguChungwa. ✓ (1)
- 5.2 Isikhahlelo, ✓ ukuthutha uDilizintaba kwimiqolo 5-6. ✓ (2)
- 5.3 Luxwesiso. ✓ (1)
- 5.4 A. ✓ wondla abantu abangamaqhitala ekuzingeleni ✓ (1)
- 5.5 Kukuba yayekela uNgqika engonjwa nguThuthula. ✓ (1)
- 5.6 Imazi kakuhle lo ubongwayo ✓✓/isazi kakuhle isizwe sayo ✓✓/iyazazi iimfazwe ezakha zaliwa ✓✓ Yazi umnombo walo imbongayo ✓✓ (Nayiphi echanekileyo) (2)
- 5.7 Kukuba akasekho lo ubongwayo ngoko ke kukholeleka ukuba abangasekhoyo bayo ezulwini. (2) [10]

AMANQAKU ECANDELO A: **30**

ICANDELO B: INOVELI

- Kweli candelo umviwa kufuneka aphendule umbuzo omnye kuphela.
- Ukuba uphendule yamibini, makisha owokuqala.
- Kumbuzo omde, sebenzisa irubriki ekwisihlomelo B.

UMBUZO 6 (UMBUZO OMDE)

NYANA WAM! NYANA WAM!: W.K. Tamsanqa

Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:

6.1 UTHEMBA NOSONWABO

- Ngamatshivela athanda utywala. Izenzo zabo zinxamnye neenjongo zeqhawe, basoloko belahlekisa uThole.
- Ngamatshijolo angazimiselanga ntweni afuna nje ukuseza uThole ange ayamonwabisa njengawo. Bamnunusa ngotywala, befuna ukuba afane kunye nabo.
- Izenzo zabo zingumqobo kwiinjongo neendlela zeqhawe elinguThole.
- UThole kunyanzelekile ukuba angene kwezi ngxaki ukuze kuphuhle isiphiwo sobukrelekrele bakhe.
- Izenzo zabo ziyakholeleka, zibenza babe ngabahlubo benene nabamthandayo uThole.
- Akakwazi kubaphepha de ahlangulwe kukufa kwabo kumahlathi aseKysna.

6.2 UFIKIZOLO

- Nguyena udlale indima enkulu njengotata wakhe kuba ukhuliswe nguye.
- Uneenjongo eziphezulu ngaye kwaye umnqwenelela okuhle.
- Umbona engumntu ofundileyo.
- Uyakhathazeka akusiyeka isikolo.
- Akuba ukuba uSonwabo noThemba baqwengwe ziingonyama kwasala iintloko zodwa, wayecinga ukuba nekaThole ilapho
- Ukubuya kwakhe kumahlathi aseKnysna umxhelela etyetyisiwego
- Umkhuthaza ukuba azeke njengoko esexabisweni loko, uyala kuba esafuna ukubuyela esikolweni.

6.3 UTHOZAMA

- Uthandana noThole yaye uye wamkhuthaza ukuba abuyeles esikolweni
- UThole esesikolweni umana ukumpha imali
- Ukukhulela kwakhe kwikhaya lenkonzo kunge kumlungiselela ukuba ngenye imini uyakuze abe yinkosikazi kamfundisi.

[25]

OKANYE

UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

- 7.1 YiSinodi yabefundisi ✓ (1)
- 7.2 Kukulumkisa ✓✓ (2)
- 7.3 UMangaliso owayehamba nooThemba wayenxila ✓ ukanti lo uzimisele kusebenzela inkosi ✓ (2)
- 7.4 Lusingiselo kwisiganeko esiggithileyo ✓ kuba sadlula esi siganeko koko siyabuyiswa nje ukuveza ukuba uyayazi le meko azifaka kuyo naye. ✓ (2)
- 7.5 C/Olujongela phantsi ✓ (1)
- 7.6 Ewe. Kuba abantu bayeka utywala baya ecaweni, ✓ bayixhasa inkonzo ngemali yesakhiwo ✓ (2)
- 7.7 Uyaguquka kwisimo sakhe sokusela nooThemba abe ngumfundisi ✓/
Uyaguquka afunde ade abe ngumfundisi nanjengoko ebencanyiwe ukuba uya kuze atshintshe ✓/Uyaziye ka iindlela zokuhamba nooNomsa atshate noThozama ✓/Uyayeka ukuba ligqirha akuva ilizwi elithi makagoduke atsho abe mntu wumbi. ✓
(Abafundi bangaxela naziphi izizathu ezibini ezichanekileyo ezikumxholo wale ncwadi.) (4)
- 7.8 UMangaliso uphume kwpiphephandaba njengomfundisi ophume izandla ngemfundo esogqitha nabeLungu ✓✓ (1)
- 7.9 Uye wacinga ngonyana nomfazi wakhe awayecinga ukuba basweleka ngenxa yokutsha nendlu ✓✓ (2)
- 7.10 Bubuhlungu bentliziyo ✓✓ (2)
- 7.11 Usiqhubela ukuba sicinge ukuba litshipha lendoda eli. ✓✓ (2)
- 7.12 Lidukile igama lexhego akusekho mntu ulaziyo. ✓✓ (2)
- 7.13 Wenze kakuhle kuba njengoMfundisi ibingasayi kulunga into yokuba abe nenqala ✓✓ (2)

OKANYE

Akenzanga kakuhle kuba kaloku utata ngumntu okhulisa apha the umntwana wakhe ngamazinyo nokuba iimeko zimbi, akanakuvela xa embona engumfundisi ophume izandla engenzanga nenye into. ✓✓
(Naziphi izimvo ezinomhluzi zabafundi ziya kwamkeleka) (2)

[25]

OKANYE

UMBUZO 8 (UMBUZO OMDE)

UKHOZI OLUMAPHIKO: N. Saule

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

8.1 UMFAZWE

- UMfazwe okokuqala ngumlinganiswa oyintloko kuba iziganeko ebalini zingqonge yena, kuthethwa ngaye ukusuka ekuqaleni ukuya ekuggibeleni kule ncwadi.
- Uzotye wangumlinganiswa ofunga angajiki. Uyazimela iziggibo zakhe yaye akalobhetyebhetye. Akajiki sele eboniswa ubungozi ajongene nabo. Ude athi omnye umlinganiswa xa emnqanda akayiqondi na ukuba yimfazwe le azibizela yona ngale politiki yakhe. Ngokoluvo lwakhe uMfazwe wayelwela amalungelo abantu abamNyama.
- UMfazwe uyabanjwa kusithiwa unyola umbuso kanti kuloko amaBhulu afuna ukumsebenzisa ukuze asebenzele wona. Amthembisa ngelizwe lobusi nobisi ukuba angasebenzela wona njengoFriday, uNtsipho kunye noNdlela. Nalapho uma entla ngelithi akanakuthengisa ngegazi lomntu omNyama.
- Negama eli lakhe liyayingqina le nto kuba emfazweni kulapho kuqubisana izinto ezomeleleyo macala omabini. Kaloku lo mlinganiswa uyintloko kufuneka omelele. UMfazwe unyokwa nguFriday ebahlalini esithi uyimpimpi. Kulapho afumane khona ukubethwa eholweni.
- Utshiselwa ikhaya lakhe ngooFriday neqela lakhe, kodwa loo nto ayimenzanga wajika kwizigqibo zakhe.
- Endleleni eya elubhacweni udibana nomzingeli nothe makajike kuba soze abuye apho aya khona. Uthi yena akajiki.
- Ekuggibeleni uyayifumana into ebeyilwela. Kuyaxoxwa, kuyakhululekwa ngabantu abamNyama. UFriday uyagwetywa kwaye ityala lakhe lichotshelwa nguMfazwe osele eyiJaji ngoku.

8.2 UFRIDAY

- UFriday uzotye njengomchasi womlinganiswa oyintloko. Uzotye wangumntu omi phambi kwempumelelo neenjongo zikaMfazwe. Akafuni uMfazwe aphumelele kwiinjongo zakhe zokukhulula umntu omNyama kwisandla esilushica sabaMhlophe.
- Uyenza le nto ngokusebenzela amaBhulu, embhatala iimali ezinkulu. Ukuba ebengumntu onenyani nolungileyo ngevana noMfazwe, kodwa endaweni yoko bayinyoka nesele. UFriday neqela lakhe emini baziinkoheli zabahlali kanti ebusuku baleqana nabantu abazabalazayo.
- Uzotye wangumlinganiswa oyimpimpi okanye ungcothoza, osebenzela abamHlophe. Ukhona kwiqela labantu abatshisa ikhaya likaMfazwe.
- Uzotye wangumlinganiswa ongenanyani nohoye isiqu sakhe kwaye ongcolileyo kunye nabantu asebenza nabo.
- Uphambili kwiqela elibulala abantu abangenatyala, batshisa izindlu neevenkile zabantu abangenzanga nto kuba befuna kutyholwe abanye abantu.

- UFriday uzotywe wangumntu okhohlakeleyo. Umzekelo, ebusuku xa bekhangela ixhoba labo elinguMfazwe banxiba iibhalaklava. Kodwa ngenye imini kwatatuGaba besiya kuhlasela uMfazwe, yena uFriday wayengagongxanga nto, engazifihlanga. Babephethe imipu baze bashiya apho begibisele ibhombo yepetroli.
- Uzotywe wangumbulali kuba aba bantu babhaqwa nguMfazwe kwicressida baswelekile, babulawe nguFriday neqela lakhe.

8.3 UNOKUZOLA

- Uzotywe wangumlinganisa ozolileyo nolilandeleyo igama lakhe.
- Uyintombi endala ephangelayo nengumongikazi ehlala kokwayo nonina uMamCwerha.
- Ungumntu othanda ukuhlala kokwabo nongafane ahamba hambe kuba kusithiwa unina ukhohlakele.
- Ngenxa yokuzola kwakhe uvuma ukuthathwa nguFriday ukuba baye entlanganisweni apho kungcoliswa igama lesithandwa sakhe uMfazwe kusithiwa uyimpimpi.
- Ayikhange imothuse le nto okanye imcaphukise de ayishiye intlanganiso, usuke wayizolela yonke le meko.
- Xa uMfazwe efika ukuza kuhlamba igama lakhe, uFriday ugona uNokuzola ngelizama ukuhlabekisa uMfazwe. Indlela alunge ngayo uNokuzola uyamvumela uFriday ukuba amgone nangona ingekho into eqhubekayo phakathi kwabo bobabini.
- Uzotywe wazola ngokugqithileyo kuba ukuba bekungenjalo ngekhe wazinika ithuba lokudibana noMfazwe ambuze ngala mahemhem okuba ngungcothoza kwakhe angevi ngoFriday. UMfazwe ubuzwa ngumama wakhe uCwe kune notat'Gaba.

[25]

OKANYE

MBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

UKHOZI OLUMAPHIKO: N. Saule

- | | | |
|-----|--|-----|
| 9.1 | Abazange baphinde bahlangane kuba uNokuzola wasweleka ebeleka umntwana kaMfazwe ✓✓ | (2) |
| 9.2 | Kuqhankqalaze abafundi. ✓
Kutshiswe ivenkile. ✓
Kutshiswe ikhaya likaMfazwe. ✓ | (3) |
| 9.3 | UMamCwerha ukrokrela ukuba uMfazwe ngungcothoza ekubeni yena uMfazwe ezazi engenguye. ✓✓ | (2) |
| 9.4 | Kukuba eve ukuba isithandwa sakhe esinguNokuzola sihambe nomntu olutshaba lwakhe. ✓✓ | (2) |
| 9.5 | abantu abamNyama bayifumana inkululeko naye wabuya sele eyiJaji ✓✓ | (2) |

- 9.6 Kukuyolisa incwadi ingakruquli ibe ijijisana nomxholo omnye ✓✓ (2)
- 9.7 Ikhaya lakhe litshile ✓ /uthathwe nguFriday ✓ (2)
- 9.8 Iye yamnika amandla ngakumbi okulwela inkululeko ✓✓ (2)
- 9.9 Wothukile ✓✓ (2)
- 9.10 NguMfazwe ✓ kuba xa ethetha umana ukuthi “ndi” aze abone kuphela izinto ezikwindawo awayekho kuyo buqu ✓ (2)
- 9.11 Isisigqebelo into yokuba uTat'uGaba uMfazwe makangaqumbi aqalekise ✓ abe yena Mfazwe sele eqqibile ukwenza njalo noxa ethethele ngaphakathi. ✓ (2)
- 9.12 Wenze kakuhle kuba ngekudala wabhubhayo ebulawa ngamayelenqe kaFriday namaBhulu. ✓✓

OKANYE

Akenzanga kakuhle kuba ushiye izinto zisonakala kusifa abantu kwaQaka ukanti ke ngewayezilungisile ezo zinto ingakumbi kuba kwakukho abantu ababesele bemthembile. ✓✓

(2)
[25]

AMANQAKU ECANDELO B: **25**

ICANDELO C

- Kweli candelo umviwa kufuneka aphendule umbuzo omnye kuphela.
- Ukuba uphendule yamibini, makisha owokuqala.
- Kumbuzo omde, sebenzisa irubriki ekwisihlomelo B.

UMBUZO 10 (UMBUZO OMDE)

AMAZA: Z.S. Qangule

Lo mbuzo ufunu umfundu **angqine, abonise** ukuze sikholelwé ukuba ngenene uLizo uxolele ukujinga iliso kunokuba angamfumani uNamhla njengenkosikazi yakhe. Izenzo zakhe, amazwi akhe kwiimeko ngeemeko.

Umfundi angachankcatha phantsi kwezi ngongoma:

- Zisuka nje uLizo akalinanzanga isiko elithi akanakungena entangeni kaNamhla nanjengoko engelilo iBhele.
- Simbona engena egushe umsesane athe akuqinisekiswa nguNamhla ukuba bamoya-mnye wamtshata kwangoko ngemvumelwano yabo.
- Xa kufuneka ahlukene noZodwa akathalalisi uyitshaya isaqhuma ambeke zonke izibakala ukusuka kusana athi utyatyekwa ngalo ukuya kuma ekumbikreni ngobuxelegu.
- Ugqibela ngokumgxotha uZodwa.
- Uyamlandela aye kutsho eRhawutini apho afika adubule abantu acinge ukuba nguZodwa lo wakhe kune noSidima wakhe.
- Xa uNamhla egroriswa ngokungenwa, nalapho uthi gqi angene kwimihlaba angenamvume yokungena kuyo ezokumnceda kwangoku kumthanda ggitha.
- Uyakhulelwá uNamhla esazilile ekhuleliswa nguLizo lo.
- ULizo noNamhla bathabatha amanyathelo abase emangcwabení apho bahlangene khona noSidima noZodwa, kuthe kanti basaphila. Nalapho akazibandezanga uLizo.
- (Naziphi ezinye ezichanekileyo)

[25]

OKANYE

UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

AMAZA: Z.S. Qangule

- | | | |
|------|---|-----|
| 11.1 | Ngumphixanisi, othutha iindaba zakuloNamhla. ✓ | (1) |
| 11.2 | Isukela ekubeni uNamhla kufuneka ethobele isiko lokungenwa ngumnninawa kaSidima ekucingwa ukuba wasweleka. ✓✓ | (2) |
| 11.3 | Ukuba uVathiswa uyakholelwá kula masiko. ✓✓ | (2) |
| 11.4 | Uyayithetha into! ✓ | (1) |
| 11.5 | Ukunika imiyalelo yeqonga ✓/ukuxela isimo sentlalo ✓ | (1) |

- 11.6 Luzobo mayana ✓✓ (2)
- 11.7 Luchasaniso. ✓ (1)
- 11.8 Anyanisile kuba uDanile kufa abantu abaninzi ngenxa yokuba yena efuna ukulandela isiko ngokutshatisela uNamhla kuSidima. ✓✓ (2)
- 11.9 Kukuzibona ukuba soze aphume kule ngxaki xa ephinda enyanelwa kwisiko elilandelayo lokungenwa. ✓✓ (2)
- 11.10 B/Sisigqebelo sedrama ✓ (1)
- 11.11 Lalisetenziswe ngokuya kwakusenziwa ubungqina bokuba unguyise kaXelile mntwana kaZodwa ngokaSidima. ✓ (1)
- 11.12 Kwinqanaba lesiphelo, ✓ kuba kulapho kuvezwa zonke iinyani kwanesigwebo sabenzi bobubi. ✓ (2)
- 11.13 Ukuba uSidima ngenene akafanga kwaye uSidima nabafundi baza kuqiniseka ukuba umbulali nguLizo. ✓✓ (2)
- 11.14 Ngumgibe wokuba makaziwe nguLizo ukuba unomntwana kaZodwa. ✓✓ (1)
- 11.15 Kwathi kanti uNamhla ngumntwana wakhe kunye naloo Zodwa na kakade kwaye uSilumko wayengayazi loo nto ixesha eli. ✓✓ (2)
- 11.16 Ukholelwa ukuba abengubo ziindlavini, ✓ukanti amaggobhoka ngabantu boxolo. ✓ (2)

[25]

OKANYE**UMBUZO 12 (UMBUZO OMDE)****A-a-a! JONGUMSOBOMVU: B.B. Mkonto****Umfundi unokunyathela kwezi ngongoma xa ephendula.**

- Usaqala nje umdlalo uvakala esithi akanakuze onwabe emphefumlweni abantu bakhe bekude namathambo ooyise xa encokola namafanankosi akhe ebuza kujwarha ukuba baya kuze babuyele nini kumagquba akowabo kuba elona komkhulu labo leliya likweziya ntaba zikaNojoli.
- Ukugula oku kukayise ukubona njengengqumbo yeminyanya
- Umzondile uyise ngokuhlala abethe iphupha lakhe ngoyaba
- Utsho ngowakhe umlomo uMaqoma ukuba wangena ngendlovu kumhlaba akuwo.
- Amazwi kaMaqoma athi, “xa kulapho ke kufanele ukuba umkhonto ubinze esiqwini ... andizi kubulawa ndihleli elizweni lookhokho bethu. Bathi mandiye phi naba bantu bangaka? Hi?” abonisa ukufunzela phambili, ukungazimiseli kubuya mva nakancinci.

- Akayithandi kwaphela into yokuba abeLungu benyevulela amasiko nezithethe zikaNtu.
- Uthi enqandwa nguKama ngelithi makangaphindisi avuthulule athi yena kanakucimela abe ngathi akaboni umhlaba wakowabo utyiwa ehleli. Uthi yena wazalelwa ukuba amele iimfuno zabantu bakowabo. Ude athi akanabom ukuba akanakukwenza oko njengoko ingqequesho yakhe isitsho.
- Kwakuthathwa imfuyo yakhe uzama impindezelo ngokuthumela abavunduzi ukuba baye kuthatha imfuyo leyo. Ude ubaqinisa ngokuthi bajongwe yiminyanya bangaxhali
- Nangona emana ukungathi unosizi ngabo bangenatyala, engafuni bantu babulawayo, kodwa uyalela ukuba kuqengqwe ugodo xa lusiza ngerhuluwa utshaba kwaye akukho lula ukukhetha phakathi kwabantu abangamanyanga nabo bangengawo.
- Yena uSomerset akanaxolo naye kuba ayixolelesi eyokususa uMaqoma nabantu bakhe kumhlaba wabo.
- Ukuhlaselwa kwabantu zizibawu zikaQuka kumenza umsindo ngakumbi uMaqoma ade abe ufunya ukuya ngokwakhe ukuya kohlwaya uQuka.
- UMaqoma uyala ukusuka kumhlaba kayise esithi, “UNotshe ngumhlaba kabawo lo ... niqhele amagwala ... Lingatsh’ibhayi andibandi” oku kubonakalisa ukungoyiki ukuzimisela ukulwa.
- Liphela ibali erhoxa nje okomzuzwana kumhlaba emi kuwo, kuba ehlönipha ilizwi likayise ambona naye ethengiwe.
- Uthi uSomerset kwincoko yakhe noBeau uMaqoma makabekwe esweni kuba mñinzi umonakalo anokuwenza xa engaqatshelwanga. Le nto icacisa ukuba uMaqoma akakwazi ukunikezela kwabamhlophe xa ebabona bebhunyula umhlaba wooyisemkhulu.

[Naziphi ezinye ingongoma ezichanekileyo ziyakwamkeleka.]

[25]

OKANYE

UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)

A-a-a! JONGUMSOBOMVU! B.B. Mkonto

- 13.1 Inkosi isaphila ✓✓ (2)
- 13.2 Ngeenjongo zokuthatha umhlaba wabantu abamnyama ngamaqhinga ✓ (1)
- 13.3 B./into ayenzayo uMatshaya ✓ (1)
- 13.4 Uzenza umntu owuthatha ngegunya. ✓✓/ufuna bangabe bexoxa ✓✓/ amandla olwimi ukuze bavume lula ukunikezela ngomhlaba. ✓✓ (2)
- 13.5 Wenziwe wangumntu onentliziyo emdaka ngokuthi engumfundisi angene kumayelenqe alolu hlobo. ✓✓ (2)
- 13.6 Ewe kuba bathatha umhlaba wabantu bengathandi abaniniwo. ✓✓ (2)
- 13.7 Hayi, kuba kukhona baze kudala ingxabano kuba naku besithi uNgqika makakhwelele kumhlaba wakhe. ✓ (1)
- 13.8 Ukungafuni ukuwaphakamela la madoda ✓ (1)
- 13.9 Lesiphelo ✓ kuba uMaqoma uye wanikezela enase impilo kaYise ✓ (2)
- 13.10 Ukuba awushiye umhlaba lowo kuthethwa ngawo. ✓✓ (2)
- 13.11 NguBawana ✓ (1)
- 13.12 Wabulawa evela kumsitho wokwendiswa kwentombi yakhe isendela kuMaqoma. ✓ Kucaca ukuba iyelenqe lokubulala lenziwe nguQuka kuba naye wayekhe wayicela le ntombi ngokusebenzisa amajoni ✓ (2)
- 13.13 UNggqika akanangxaki ngokufika kwezi ndwendwe ✓ ukanti uMaqoma akafuni nokuzibona ✓ (2)
- 13.14 Kwenze ukuba uNgqika avume into angayifuniyo naku esithi ebicinga ukuba uya kucinyelwa amehlo phaya. ✓✓ (2)
- 13.15 Okokuqala ungumlwelwe, ukudibanise nokufa kwakhe oku kunikezela, yathamba intliziyo yonyana ebilukhuni. ✓✓ (2)
- [25]**

AMANQAKU ECANDELO C:	25
AMANQAKU EWONKE:	80

ICANDELO A: IRUBRIKI YESINCOKO SONCWADI: ISIHOBE [10 AMANQAKU]

Ikrayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bhetyebhetye
UMXHOLO Ukutolika umbuzo/isihloko. Ubunzulu bengxoxo ukuzixhasa nokuyibamba itekisi 7 AMANQAKU	8–10 -Isihloko sitolikwe ngokunzulu -Ingxoxo enomtsalane ezixhaswe ngombongo -Ukuqonda okuncamisayo	6–7 -Ubonisa ukuqonda kwaye usiqonde kakuhle isihloko/umbuzo -Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo -Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingeziwo zonke nje ezixhaswe njengoko bekufanelekile -Ubonakalisa ukuyiqonda ijenra nombongo	4–5 -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo -Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle -Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingeziwo zonke ezixhaswe ngobungqina obuthathyathwe kumbongo -Uyayiqonda nokwana le jenra nombongo	2–3 -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo -Izimvo zinqaphazeke kakhulu kwanamanqaku okuxhasa amabango akhe -Ulwazi lwejenra nombongo alukho	0–1 -Akaqondi kwasihloko -Akukho nento ebhekiselele kumbongo obuzwayo -Umfundiakanalwazi ngejenra nombongo
ISAKHIWO NOLWIMI Isakhiwo, ubuchule bokuqiqha nokunikezela Ulwimi ithoni nesimbo esisetenyenziswe kwisincoko 3 AMANQAKU	-Isakhiwo siyanamathelana -Ingxoxo zixonxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokucacileyo -Ulwimi ithoni, isimbo sivuthiwe, siyathabathekisa, sichanekile -Ayinazo iimposiso zezakhi zezivakalisi, upelo, neempawu zobhalo	-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo yakhelana kakuhle -Iyalandeleka ingqiqo yengxoxo -Ulwimi, ithoni nesimbo zichanekile ubukhulu becala	-Bukho ubungqina besakhiwo -Ingxoxo ibonakalisa ukungalandelelani, ukungakhelani nokunganamathelani -limpazamo zolwimi zikho kodwa aziyiphazamisi ingqiqo kwaye zichanekile ubukhulu becalo	-Isakhiwo sibonakalisa ucebo olunamakhwiniba -Ingxoxo ayicwangcisiwanga ngengqiqo -limpazamo zolwimi ziyabonakala -Ithoni nesimbo azifanelekanga	-Sakheke saxazalala -limpazamo zolwimi kunye nesimbo esingachanekanga
UMMANDLA WAMANQAKU	8–10	6–7	4–5	2–3	0–1

QAPHELA: Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo uMxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepa lesithathu, mniike u-0
kuMxholo, iSakhiwo noLwimi

AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI: INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]

Ikrayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bhetyebhetye
UMXHOLO	12–15	9–11	6–8	4–5	0–3
Ukutolikwa kombuzo/isihloko Ubunzulu bengxoxo, ukuzixhasa nolwazi Iwejenra/itekisi	-Impendulo ebalaseleyo: 14–15 -Impendulo encamisileyo: 12–13 -Isihloko sitolikwe ngokunzulu -lingxoxo ezinomtsalane zixhaswe ngokwaneleyo ngolwazi olukwitekisi -Ulwazi olugwesileyo Iwejenra/netekisi	-Impendulo ibonakalisa ukuqonda kwaye utolikwe kakuhle umbuzo/isihloko -Impendulo inika iinkcukacha ezicacisiweyo -Izimvo ezithile ziyabambeka kodwa asizizo zonke ezixhaswe ngendlela ebezinokuxhaswa ngayo -Kuyabonakala ukuyiqonda ijenra netekisi	-Uuwutolike ngokuphakathi nje umbuzo/isihloko; ezinye iinkcukacha azicaciswanga ngokwaneleyo -Akho amanye amanqaku ancomekayo ekuxhaswa ngawo isihloko -Ezinye iingxoxo ziyaxhaswa kodwa ubungqina obucatshulweyo abusoloko buhambelana nengxoxo -Ukuqonda ijenra netekisi ngokwaneleyo kuphakathi	-Isihloko sitolikwe ngokunqongopheleyo -Zimbalwa iindawo ezixoxiweyo zaxhaswa -Amabalwa amanqaku okuzixhasa -Ingxoxo esemxholweni inqongophele -Kuncinci kakhulu ukuqonda ijenra netekisi	-Luncinci kakhulu ulwazi ngesihloko -Uthe ntlo nje kumbuzo/kwisihloko -lingxoxo azibambeki -Umfundi akakayibambi ijenra netekisi
15 AMANQAKU	8–10	6–7	4–5	2–3	0–1
ISAKHIWO NOLWIMI	8–10	6–7	4–5	2–3	0–1
Isakhiwo, ubuchule bokuqqa nokunikezela Ulwimi ithoni nesimbo esisetyenziswe kwisincoko	-Isakhiwo sinamathele -Intshayebole nesiphelo zibalasele -lingxoxo zixonxiwe kwaye zikhuliswe ngokucacileyo -Ulwimi ithoni, nesimbo zivuthiwe, ziyancomeka kwaye zichanekile	-Sicacile isakhiwo nengxoxo yakhelana ngobuchule -Intshayebole, isiphelo neminye imihlathi yakhiwe ngokunamathele -Ingxoxo iqiqisisiswe -Ulwimi ithoni isimbo sichanekile ubukhulu becala	-Bukho ubungqina besakhiwo -Ukwakhelana, unamathelwano bukho kodwa buneempazamo -Zikho iimposiso zolwimi, ithoni, nesimbo nangona sifanelekile ubukhulu becala -Imihlathi yakhiwe kuhle ubukhulu becalal	-Isakhiwo sibonakalisa ucebo olunamakhwiniba -Ingxoxo zibekwe xazalala -Zikho iimpazamo zolwimi -Ithoni nesimbo asifanelekanga -Imihlathi iyakheke gwenxa	-Ukungacebi kakuhle kuphazamisa ukuqiqa -limpazamo zolwimi, isimbo esingesiso nethoni siwenza umsebenzi ufe amanqe -Isimbo nethoni azifanelekanga -Imihlathi yakheke gwenxa
10 AMANQAKU	20–25	15–19	10–14	5–9	0–4
UMMANDLA WAMANQAKU					

QAPHELA: Ukuba umviwa uwutyeshela ngokupheleleyo uMxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepa lesithathu, mniike u-0
kuMxholo, iSakhiwo noLwimi